## Umsebenzi wanamhlanje: Sebenzisa amagama akhuthazayo

Bonke abantwana bafunda ngcono xa befumana inkxaso futhi bekhuthazwa. Kufuneka ke ube nomonde ebantwaneni bakho xa bekubalisela ibali, xa bezoba umfanekiso, xa bezama ukubhala okanye bezama ukufunda. Kufuneka wazi kaloku ukuba ukufunda kuthatha ixesha elide. Sebenzisa amagama akhuthazayo nawakhayo khonukuze umntwana wakho azithembe futhi akhuthazeke asoloko efuna ukuzama lonke ixesha!

Imizekelo yamagama akhuthazayo yile:

- ✓ Uphantse wayichana.....
- ✓ Uzamile kakhulu.....
- ✓ Uza nayo kakuhle.....
- ✓ Ndiyayithanda imbono yakho.....
- ✓ Khawucinge kwakhona.....
- ✓ Ndiyayithanda indlela ocinga ngayo.....
- ✓ Ndiyavuya kakhulu xa ndibona ukuba uyazama.....